Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

SEPTEMBA 2015

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

P.O. Box 20
Hermanus 7200

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24 Hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

Iprojekthi yokwakha izindlu yaseOverstrand iyaqala kwakhona

Ngentsebenziswano ne-arhente eyenza lo msebenzi iMotlekar, uMasipala waseOversrand usebenzisene neeprojekthi eziliqela ukufezekisa iimfuno zabantu zokwakha izindlu ezisemgangathweni kulo mmandla. Njengesinye seziCwangciso eziManyanisiwe zoPhuhliso seminyaka emihlanu somasipala, ulwakhiwo lwezindlu sesinye sezicwangciso zexesha elide esakuthi senziwe ngokwamanqanaba nesakuthi sithathe iminyaka emininzi ukuba sifezekiswe, oko kuxhomekeke kwinkxaso-mali yesi sabelo evela kuRhulumente weNtshona Koloni.

Ngokwenqanaba lokuqala, ukwenziwa kweziseko zeenkonzo zokuqala, kulungiselelwa uphuhliso lokwakha izindlu kwaqala kunyaka-mali odlulileyo wama-2014/2015, ngaphandle kweSwartdam Road C2 nee-Admin Sites (jonga iinkcukacha ngezantsi apha), zona zagqitywa kwangaxeshanye. Ukwakhiwa kwezindlu kona kuthathwa njengeeprojekthi zabucala oko kufanele kuvunywe liSebe loHlaliso loLuntu, oko kuthetha ukuba oku kwakwenziwa kulo unyaka-mali sikuwo. *Ulwazi ngezi projekthi, kwakunye neemephu ezinika ingcaciso nezichaza iindawo ekuzakusetyenzwa kuzo zinikiwe ngezantsi apha:*

IPROJEKTHI YEZINDLU YASEOVERSTRAND YONYAKA-MALI WAMA-2015/2016

EMount Pleasant

- Ineziza ezingama-194 inani lazo, kwakuzo apho iziza ezingama-172 zichongwe njengeziza ze-RDP, kuzo ezingama-22 zezeGap Housing.
- Nangona zonke ezi ziza zeRDP ezili-172 zibonelelwe ngeenkonzo zokwakha nezikulungeleyo ukuba zakhiwe ngolwabiwo-mali lwalo nyaka nolumele ukuba kwakhiwe izindlu ezili-100 kuphela kwezi zindlu.

I-Swartdam Road

Le iprojekthi yahlulwe yaba zizahlulo ezithathu:

- Isahlulo 1 - "ISayithi A" ineziza ezingama-48 ezisele zilungisiwe ukuba zakhe izindlu zeRDP. Ezi ziza zikuhlalo-mali lwalo nyaka-mnali kwaye uphuhliso lwakuqhuba xa isivumelwano norhulumente wephondo sele sityikitywe.
- Isahlulo 2 - "ISayithi B" ineziza ezili-131 esele zilungisiweyo nezibekelwe bucala ukwakha izindlu zeRDP. Imali yolwakhiwo lwezi ziza iya kuba yinxalenye yolwabiwo-mali lonyaka-mali uzayo.
- Isahlulo 3 - "ISayithi C" ineziza ezili-150 nezibekelwe bucala ukwakha izindlu zeGAP Housing. Zonke iziza sezifakelwe iinkonzo zokuqala zikulungele ukuba kungakhiwa kuzo.

EZwelihle

Kujoliswe ekuphuculeni indawo yamatyotyombe, le projekthi ichaphazela iindawo ezininzi ezifana nezi:

- EGarden Site apho iziza ezingama-58 zilungiselelwe ukwakhiwa, imali yophuhliso lwezindlu ibekelwe bucala kulo nyaka-mali esikuwo;
- EMandela Square apho sekukufuphi ukuba uphuhliso luqale kuba kule ndawo kusahlala abantu nabazakususwa okwexeshana bafunelwe enye indawo, umasipala kulo mba usalindele nengxelo yesicelo senkxaso-mali esenziwe kurhulumente wephondo;
- E-Admin Site, le ndawo ineziza ezili-164, ikufuphi ne-ofisi yolawulo kwiSebe leziNdlu eliseZwelihle apho kuqikelelwa ukuba ukufakwa kweenkonzo ezenzelwa ulwakhiwo kwakugqitywa ekupheleni kwenyanga kaMatshi 2016 kunyaka ozayo;
- ESwartdam Road Site C 2 apho ukufakelelwa kweenkonzo ezisisiseko kuqalisiwe kwiziza ezili-132 ngemali yonyaka-mali odlulileyo nekufanele ukuba kugqitywe ekupheleni kukaMatshi 2016.

EGarden Site ezili-58

EMandela Square ezili-83


E-Admin Site ezili-164

Service Site ezili-132

Ukuthenga umbane ohlawulelwayo phambi kokuba uwusebenzise

Kukho amahum-hum athi umbane ohlawulelwayo phambi kokuba uwusebenzise ufumaneka kwii-ofisi zikamasipala kuphela. Oku akuyonyani. Ungayithenga ivawutsha yombane nakweyiphi na indawo ethengisa umbane eseOverstrand, okanye uwuthenge ngokusebenzisa inkqubo ye-intanethi esebenziseka lula ukwangeza umbane wakho.

Nangona umasipala enengxaki nje nabanye abantu abathenga kwabanye abantu baphinde bawuthengise umbane, ezo ngxaki zisonjululwe, umbane uyafumaneka kuzo zonke ezi ndawo zikolu luhlu lungezantsi.

Enye yeendlela ekulula ukuyisebenzisa njengomthengi kukubhalisa kwi-webhusayithi yakwaPayCity oko ukwenza ngokungena kwi-intanethi uze uhlawule ngokuthatha imali ebhankini yakho uthenge umbane okanye ngokusebenzisa ikhredithi-khadi. Ukuba usebenzisa le ndlela yokuhlawula ngekhredithi-khadi, kukho ikhowudi ongena ngayo ukuthenga umbane ukuze ufumane iiyunithi zombane oza kuzisebenzisa, zona zithi zithunyelwe nge-SMS kwiselula yakho ngemizuzwana nje embalwa.

IINDAWO EZITHENGISA UMBANE OHLAWULELWAYO PHAMBI KOKUBA UWUSEBENZISE

IGAMA LEVENKILE	IDILESI	INDAWO
EFlamingo Tuckshop	31 Leeubekkie Street	EBlompark
EBlompark Inn Liquor	5 Viooltjie Street	EBlompark
E-OK Value	72 Schneider Street	EFranskraal
EGansbaai Supermarket	cnr Franklin & Main Streets	EGansbaai
E-OK Foods	45 Main Road	EGansbaai
EGansbaai Spar	Shop1 Gansbaai Gateway Centre	EGansbaai
EBelmont Cash & Carry	3 Seeswael Close	EGansbaai
Emmanuel Tuisverkope	22 Kano Street	EGansbaai
Kekkel en Kraai	64 Main Road	EGansbaai
EBeach Road	107 Beach Road	EHawston
EMeltons Place cc	F59 Essex Road	EHawston
EHawston Superette	408 Church Street	EHawston
EHawston Service Station/ Marine Superette	George Viljoen Street	EHermanus
EVillage Foods	Long Street Arcade	EHermanus
EHM Service Centre (Engen)	Main Road	EHermanus
Cheap-Cheap	7 Siyoni Street	EHermanus
EGateway Spar	Gateway Centre	EHermanus
EYorke Cash & Carry	21 Swartdam Road	EHermanus
ETotal Hermanus	cnr Main & Mimosa Streets, Industria	EHermanus
EHermanus Auto Shop	40 Main Road	EHermanus
E-OK Mini Mark	76 Seventh Street, Voëlklip	EHermanus
EPick 'n Pay	34 Main Road	EHermanus
EKleinbaai Superette	1 Geelbek Street	EKleinbaai
EMeat Palace & Grocers	Main Road	EKleinmond
ECash U Store	1 Protea Road	EKleinmond
ESasol Kleinmond	80 Main Road	EKleinmond
E-OK Minimark	53 Main Road	EKleinmond
EOcean Fisheries	46 Kalkoenjie Street	EKleinmond
ESuperspar	Main Road, Spar Centre	EKleinmond
E-Onrus Garage	16 Main Road	EOnrusrivier
EPearly Beach Minimark	12 Kortmark Street	EPearly Beach
EStanford Superette	cnr School & Kannemeyer Streets	EStanford
EStanford Caltex / Abrina	26 Daneel Street	EStanford
EMayeki Spaza Shop	173 Hlobo Avenue	EZwelihle
ESibulele Spaza Shop (Nancy)	Zithande Street	EZwelihle

ABANIKI-ZINKONZO MABAQAPHELE: UBHALISO KWI-WCSD NGOKU KUYIMFUNEKO

Njengenyathelo lokuqala lokusondezwa kweenkonzo zeenkqubo zikamasipala zokuthengwa kweenkonzo, iYunithi yoLawulo loThengiso-ziNkonzo zaseOverstrand ithe yangena kwiphulo jikelele lokuncedisa osomashishini basekuhlaleni ukuba babhalise njengabaniki zinkonzo abangaxhamla nabafanele bebhalisiwe kuVimba weeNkcukacha waBaniki- ziNkonzo weNtshona Koloni iWestern Cape Supplier Database (iWCSD).

Ngokupheleleyo, iWCSD ijolise ekunciphiseni iingxaki ezithi zihlangatyezwe ngabo bafake izicelo kurhulumente wommandla nakulowo wephondo. Ngokubhalisa kwabo kwiWCSD abaniki-zinkonzo kufanele banike nje iinkcukacha zabo, ngokwenza njalo bakwaziswa ngazo zonke iimfuno zezicelo zeenkonzo zikamasipala ekufanele ukuba bafake izicelo zabo zemisebenzi ingakumbi ezo zikwindawo ezikufutshane nabo.

Ixesha lokugqibela lokubhalisa ibingumhla woku-1 Agasti 2015. Nangona kunjalo umlawuli wovimba weenkcukacha waseOverstrand, u- Ingrid Thesen wenze inyoba, umhla wokubhaliswa uhlehliselwe umhla we- 9 Septemba 2015 kwi Banquet hall e(Hermanus) ukusukela ngentsimbi ye 10:00 ukuya kweye 15:00, ukuze uncediswe ekugcwaliseni kwefomu.

Iifomu zokufaka izicelo ziyafumaneka kwiwebhusayithi yomasipala ethi overstrand.gov.za. Okanye ke abaniki-zinkonzo bangatsalela u-ARIBA, ojongene nonikezelo lweenkonzo yiWCSD ufumaneka nqo kule imeyile supplierdatabase@ariba.com or www.Ariba.com.

Ukuba ufuna uncedo malunga nokugcwaliswa kwale fomu okanye ufuna ulwazi oluthe vetshe, zive ukhululekile ukuqhagamshelana naye uIngrid kule imeyile ithesen@overstrand.gov.za.

ISAZISO SIKAWONKE-WONKE

UMASIPALA WE-OVERSTRAND

ISIMEMO KWIINTLANGANISO SENGCACISO YOLUNTU UKWAZISA NGOMBA WENGINGQI ENTSHA NOKMANA IGALELO LOLUNTU

Ukulungiselelwa kweendawo ezithe ngqo eziza kufakelwa kwi-Overstrand Integrated Zoning Scheme, esamiselwa ngowama-29 Novemba 2013, linyathelo leBhunga likaMasipala we-Overstrand.

Iintlanganiso zoluntu zokunika ingcaciso malunga nale projekthi ziza kubanjwa ngokwesi sicwangciso silandelayo:

- eHermanus Auditorium, 31 Agasti 2015 (17:30 - 19:30)
- eKleinmond kwiGumbi leKomiti, 01 Septemba 2015 (17:30 - 19:30)
- eStanford kwiGumbi leKomiti, 02 Septemba 2015 (17:30 - 19:30)
- eHawston eThusong, 03 Septemba 2015 (17:30 - 19:30)
- eGansbaai kwiGumbi leKomiti, 04 Septemba 2015 (17:30 - 19:30)

Ezinye iinkcukacha ziza kufumaneka kumathala eencwadi eKleinmond, eHermanus naseGansbaai kwi-webhusayithi kaMasipala weOverstrand ukususela ngomhla wama-31 Agasti 2015. Izimvo ezibhaliweyo zingathunyelwa ku-Urban Dynamics Western Cape (Pty) Ltd kwezi nkcukacha zonxibelelwano zilapha ngezantsi oko kwenziwe phambi okanye ngomhla we-18 Septemba 2015: URBAN DYNAMICS WESTERN CAPE (PTY) LTD: P.O. Box 2445, Bellville, 7535 / Fax: (021) 948 1588 / I-imeyile: jaco@udwc.co.za.

Ulubhalisele uvoto?

Qiniseka ukuba uyazindwendwela ii-ofisi ze-IEC uyokujonga ukuba undawoni na kuluhlu lwabavoti

Abo banelungelo lokuvota bayakhuthazwa ukuba babhalisele uvoto kwi-ofisi ye-IEC ekuShop A4, eTwin Gables Building, 26 High Street, eHermanus.

Ukuze ube ngovumelekileyo ukubhalisela uvoto, kufanele ubhalise ngokwakho kwaye ube:

- Ngummi waseMzantsi Afrika
- Ube neminyaka eli-16 ubudala (ungakwazi ukuvota xa uneminyaka eli-18 kuphela)
- Ube nesazisi esiluhlaza saseMzantsi Afrika esinebhakhowudi okanye ikhadi elisisazisi.

Abavoti abazitshintshayo iidilesi zeendawo abahlala kuzo kubhaliso lokugqibela bayakhuthazwa ukuba babhalise ezo nkcukacha zizizo kwi-fisi ye-IEC ekwindawo ohlala kuyo.

Ungathumela iSMS yeenombolo zeSazisi sakho kule nombolo 32810 okanye utsalele u-0800118000 (inombolo engahlawulelwayo) ukujonga ukuba ubhalisile na.

Ngemibuzo ethe vetshe, nceda uqhagamshelane noMququzeleli weProjekthi yokuVotisa uMosili Koloko kule nombolo 028 312 1464.

O·A·K
overstrand arts • kunste

INYANGA KASEPTEMBA YINYANGA YABATHANDA UMCULO

Abathandi bomculo bakuba nethamsanqa lokuya kwiikonsathi ezimbini ngenyanga kaSeptemba apho iOverstrand Arts/ Kunste/ Ubugcisa (OAK) bakube besingathe abaculi bodumo kwihlabathi liphela.

NgeCawe, umhla we-6 kaSeptemba iMagalhães-Schumann Duo (Nina Schumann noLuis Magalhães), abadume ngokuba zi-TwoPianists, bakube becula iGoldberg Variations ngokukaBach neminye imisebenzi yabadlali bepiyano ababini.

Nina Schumann & Luis Magalhães

NgeCawe, umhla wama-20 kuSeptemba uHrachya Avanesyan noyinzalelwane yaseArmenian edlala ivayolini nosuka eBelgium; uyakonwabisa abaninzi ngevayolini eyayiyeka-Antonio Stradivarius nebizwa ngokuba yivayolini 'iPiatti' ukususela ngowe-1717. Njengomntu osekwixabiso lokufikisa, lo mdlali wevayolina omtsha waphumelela ibhaso lokuqala kuKhuphiswano iYehudi Menuhin.

Hrachya Avanesyan

Zombini ezi konsathi ziqala nge-15:30 eCivic Auditorium, eHermanus. Itikiti lokungena lixabisa iR120 (ngama-R60 abantwana besikolo) afumaneka emnyango okanye kuBELLINI kulo mnxeba 028 312 4988. Ngemibuzo ethe vetshe ungatsalela uRené du Plooy kulo mnxeba 082 940 4238.